Umteteli wa Bantu, Johannesburg, April 17th, 1926.

## Umona ! Pulapula ! !

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto)

Ilitye linzima, nentlabati iyasinda' kodwa umona ingcapukiso yawo igqi. tisile ngokunzima ezonto zombini: Umsindo abubukali ; noqumbo lungu msinga ; kodwa ngubanina ongemayo pambi ko mona ?

Taru Mhleli ngesituba sesi Mbongi,
Ndiko noko ndisahleli andimbongi ;
Ndingu mpati-tunga lezi Nxibamxaka,
Ndibe ndingenayo nentsimbi yomxaka.

Nalo ilizwi liyasikanyisela,
Liti ngo mona sesifile kwapela ;
Umona uvela kungeko zimanga,
Ucite ne cawa ngoko siti manga.

Tsheca umona ungumgibe kuwe,
Kudala sisitsho sigqibe amazwe ;
Lo mona usahlule no Tixo,
Nandso ke intloko kweyetu ingxoxo.

Lo mona uvela kungeko zimanga,
Ucite ne Lizwi ngoko siti manga ;
Usicite konke usenz' izigede,
Konyana nentombi upos' amagade.

U-Tixo akasitembisi konke,
Ukuza kuteta nati konke konke ;
Uti putuma idyasi zo bawo,
Kuwo amazwe ezashiyeka kuwo.

Watshixwa Afrika ngema kamandela,
Kuba kaloku uyiposil' indlela ;
Ovuke emini akabonanga nto,
Sekulila obawo singazi luto.

Izwe selimfusa ayawa namagora,
Ngenxa yomona namhla lizingxondora
Nantshatshiso yenziwayo " Siyavuma"
Ngu mona lo nibonanje " Siyavuma."

Yabonani makowetu sibadala,
Nenyaniso yasiposa kwakudala ;
Lomhlaba i Afrika ngumhlaba wetu
Seyela kwizizibа ngobudenge betu.

Kulihlazo kulidano makowetu,
Kulilishwa nokunga nced' amawetu;
Ube usiti wena usistyudeni,
Obani aba konke kuwe abani.

Ngo mona sipetene ngobutshaba,
Kodwa Bantsundu bangqongwe nesi-
ntshaba ;
Imnke ke ne minyanya iti ayisazi,
Sintywile kunjalo kumfula " wosizi,'

Ngu mona ulibhaxa kule nduli,
Yimali ilibhaxa kule nduli ;
Ngoko ke sixakiwe ukuyinyuka,
Makapikeke oqele ukupika.

Kuza ixesha lento ezabhalwayo.
Ndifung' u Ndlambe nobawo ndiselayo
Ngeloxesha ke sonke soma ngenyawo ;
Umona lowo wobe ungena ndawo.

Taru ! Bo ! !